ISebe leMfundo leNtshona Koloni
**Alison February**
ICandelo eliyiNtloko loLawulo lweMicimbi yaBasebenzi
Alison.February@westerncape.gov.za | 021 467 2683

URhulumente weNtshona Koloni

Inombolo yefayili: 3/3/1/1/3
Isalathiso: 20230914-8094

ISetyhula: 0025/2023
Mhla wokuphelelwa: 30 Septemba 2023

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kwiiNqununu nooSihlalo bamabhunga olawulo

Isishwankathelo esifutshane: Le setyhula ibonelela ngengcaciso malunga nokuphela kweSigaba *IV sePhulo i-Presidential Youth Employment Initiative yaye ilungiselela ukwandiswa kwexesha leemvumelwano zengqesho*

**Isihloko: IPhulo i-*Presidential Youth Employment Initiative* (*PYEI*) elikwicandelo lemfundo esisiseko - ukuphelelwa kweSigaba IV nokwandiswa kwexesha leemvumelwano zengqesho**

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (iSebe i*WCED*) linqwenela ukubulela zonke iinqununu namabhunga olawulo ngokwenza amathuba omsebenzi nangokunika inkxaso ulutsha olungasebenziyo kwiindawo zokuhlala zabo. Ukuthatha inxaxheba kule projekthi kuvula amathuba yaye kuveza amakhondo omsebenzi ukuqhubela phambili amathuba engqesho kulutsha.

2. Ulutsha obelulungiselelwe kwiSigaba IV luxhamle kwingqesho yethuba eliqale ukususela ngowe-01 Februwari 2023. Makuqatshelwe ukuba iSigaba IV siya kuphela **ngowama-30 Septemba 2023** yaye **kubalulekile ukuba bonke abancedisi bakhunjuzwe ngomhla wokuphela kwesigaba**.

3. KwiSigaba IV kwenziwe ulungelelwaniso lwezemali ukwenzela ukumisela ukuba ingakanani na imali kwibhajethi ekhoyo ukwenzela ukwandiswa kwexesha lemvumelwano yengqesho okunokwenzeka. Ibhajethi ekhoyo ivumela iSebe *iWCED* ukuba landise ixesha leemvumelwano zengqesho zabancedisi bekharityhulam nabancedisi bokufunda kude kube sekupheleni kukaNovemba 2023.

4. Makuqatshelwe oku kulandelayo:

4.1 Iimvumelwano zengqesho zabancedisi abazii-*Information Communication Technology*, *assistants*, Ingqokolela Lwasi, abancedisi bokunonophela nokunika inkxaso kulutsha, abancedisi abenza imisebenzi yolondolozo lwezakhiwo (abangamandoda/abangabafazi), nabancedisi bokuphucula umgangatho wezemidlalo nezenkcubeko, ziya kuphelelwa **ngowama-30 Septemba 2023**.

4.2 Iinqununu kufuneka ziqinisekise ukuba bonke aba bancedisi bafumana iipothifoliyo zobungqina (*portfolio of evidence*) zabo ekupheleni kweSigaba IV. Izikolo mazigcine iikopi zawo onke amaxwebhu eSigaba IV ukulungiselela uphicotho-zincwadi lwangowama-2024.

4.3 Ixesha elandisiweyo leemvumelwano zengqesho **zabancedisi bekharityhulam nabancedisi bokufunda liya kuphela ngowama-30 Novemba 2023**.

4.4 **Ixesha elandisiweyo alisayi kufikelela kwinyanga kaDisemba 2023.**

4.5 Kuya kubakho uqeqesho olwenzelwa abancedisi bekharityhulam nabancedisi bokufunda ngethuba lexesha elandisiweyo.

5. Kubulelwa lonke ulutsha yi-Ofisi kaMongameli, liSebe leMfundo esiSiseko naliSebe i*WCED* oluthathe inxaxheba kwiSigaba IV sePhulo i-*PYEI* kwicandelo lemfundo esisiseko. Ulutsha luya khuthazwa ukuba luqhubeke luzisebenzisa izakhono, ubuchule nolwazi olulufumene ngokuthatha inxaxheba kweli phulo yaye lufumane amathuba engqesho ngokungena kwi-*SAYouth.Mobi* eyiphothali yezithuba zengqesho yolutsha (*youth employment portal*).

6. Ithakazelelwa kakhulu intsebenziswano yakho ekuphumezeni iPhulo i-*PYEI*.

**ISAYINWE:** NGU-B WALTERS
**INTLOKO YESEBE LEMFUNDO**
**UMHLA:** 2023-09-20